



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESISISISEKO

IBANGA 3

EYENKANGA 2014

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

AMANQAKU: 40

IXESHA: 1 iyure



Olu viwo lunamaphepha ali -13.

IMIYALELO KUBAFUNDI

1. Funda yonke imiyalelo nemibuzo ngocoselelo.
2. Phendula yonke imibuzo kwizithuba ozinikiweyo kweli phepha.
3. Utitshala uza kukuncedisa ngemizekelo yokuziqhelisa phambi kokuba uqalise ukubhala uvavanyo.
4. Uvavanyo lunamanqaku angama-40.
5. Uvavanyo luyimizuzu engama -60.

Ukuziqhelanisa

1. Biyela unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

Amaphondo aseMzantsi Afrika a ...

- A sixhenxe
- B ngamashumi
- C lithoba
- D sibhozo

Wenze kakuhle ukuba ubiyele u -C.

2. Faka uphawu (x) kwibhokisi enempendulo echanekileyo.

Inkulumbuso yephondo leMpuma Koloni ngutata u ...

Nomvula Nonkonyana	
Penny Majodina	
Phumulo Maswale	x
Hellen Zille	

Wenze kakuhle ngokubeka uphawu (x) kwibhokisi esecaleni kwegama uPhumulo Maswale.

3. Ezi zivakalisi zilandelayo zisixelela ngendlela yokwenza iti.

Phawula ezi zivakalisi ngamanani ukusuka kwisi-1 ukuya kwisi-4 ubonise ulandelelwano oluchanekileyo lokwenza iti.

Fudumeza ubisi ulugalele ezikomityini, ufake izingxotyana zeti ezikomityini.	3
Beka iikomityi, iswekile namatispuni etreyini.	2
Galela amanzi abilileyo uzamise, unike abantu baphunge.	4
Bilisa amanzi eketileni angangee komityi ozakuzenza.	1

Uphendule kakuhle ngokubeka izivakalisi ngendlela ezilandelelana ngayo usebenzisa amanani njengoko zibonakalisiwe ngentla.

Kolu vavanyo uzakuphendula eminye imibuzo efana nale ugqiba ukuyiphendula.

Uvavanyo luyaqala kwiphepha elilandelayo.

Funda elibali uze uphendule imibuzo elandelayo ukusuka kowokuqala - I ukuya kowesithandathu -6.

UZani ufunda kwibanga lesithathu kwisikolo saseMthatha. Utitshala ubabonise imifanekiso yeendidi zemisebenzi. Watsho esithi, "namhlanje sizakufunda ngeetalente zethu". Ingaba uyayazi into ofuna ukuba yiyo wena Zani? "Ndifuna ukuba ngumzobi, "utshilo uZani ebonakala ukuba yinto ayicinge nje. Uthe xa egoduka uZani wadibana nomalume wakhe uSqoko osebenza ngenkunkuma. "Ndingumntu owuthandayo lomsebenzi, andazi ukuba kutheni abantu bethanda ukulahla phantsi inkunkuma, "utshilo umalume.

"Namhlanje utitshala ubesibuza ukuba sifuna ukuba zintoni na xa sibadala. Ndithe kutitshala ndiyakuthanda ukudibanisa izinto, kwaye ndiyakuthanda nokupeyinta njengotata, ndingathethi nyani, kodwa ngoku uphelelwe ngumsebenzi "utshilo uZani. Umalume uSqoko uye wamxelela uZani ukuba wonke umntu unetalente yakhe nokuba yinto nje elula. Uthe asinakuze sonke sibe ngoogqirha okanye ootitshala. Ngamanye amaxesha abantu benza izinto abangazange bacinge ukuba bangaze bazenze "kodwa utata wam yena akasoze enze enye into ungumzobi qha!" utshilo umalume uSqoko.

Kwintsuku ezilandela loo ncoko uZani notata wakhe bahamba hamba edolophini bekhanga ukuba akukho mntu ofuna ukuzotyelwana. Apha edolophini baninzi abantu abahamba bethengisa nasecaleni kwendlela. Bamiswa ngumfo othile obachazele ukuba walelwe ngumasipala ukuba azise yonke ingqokelela yezinto zentsimbi eziyinkunkuma. Wanika utata ka Zani esithi mhlawumbi angenza izinto ezininzi anokuthi azithengise. Wavuya kakhulu wabulela watsho esithi, uyayazi into azakuyenza ngezo zinto.

Bathatha ezo ntsimbi bagoduka, bazidibanisa ngoko nangoko benza izinto zokudlala iimoto, iibhaysikile, amadada nezinye indidi zezinto zokuhombisa endlwini ezenziwe ngentsimbi. "Into efunekayo ngoku kukuba ezi zinto sizipeyinte." Badibanisa iindidi zemibala zatsho zanomtsalane ezontsimbi zindala bencedisana. Baya bazithengisa ezi zinto ngoMgqibelo kwimakethe. Abantu bazilangazelela bazithenga besithi zinqabile kwaye aziqhelekanga. Wavuya kakhulu uZani akucinga ngenxaxheba yakhe watsho esithi "ndiyayazi ngoku into endifuna ukuba yiyo ekukhuleni kwam, kukuba ngumchweli."

Imibuzo:

1. Cinga ngesihloko esifanele elibali ubhale impendulo yakho ngezantsi.

(2)

2. Ngobani ekuthethwa ngabo ebalini?

Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

- A UZani nabahlobo
- B Umalume kaZani notata wakhe
- C UZani, umalume notata kaZani
- D Umasipala nabasebenzi

(1)

3. Beka uphawu ecaleni kwebhokisi enempendulo echanekileyo. Isikolo sikaZani sise ...

Qonce	
Bhayi	
Mthatha	
Bhisho	
Kapa	

(1)

4. Ungaziva njani xa utata wakho enokuphelelwa ngumsebenzi? Ngoba? Nika isizathu sempendulo yakho.

.....

.....

(2)

5. 5.1 Ncedo luni awalifumana kwamasipala utata kaZani?

.....

.....

(2)

5.2 Ingaba wena xa umdala ufuna ukuba yintoni? Kutheni?

.....

.....

(2)

6. Bonisa ulandelelwano lweziganeko.

Bhala inombolo ecaleni kwezivakalisi usuka ku 1 ukuya ku 4.

Umalume uxelela uZani umsebenzi wakhe.	
UZani uya notata wakhe edolophini.	
Utitshala uxelela abafundi abazakufunda ngako namhlanje.	
Utata ka Zani uphiwa iintsimbi eziyinkunkuma.	

(1)

7. Uthini umyalezo oqulathwe leli bali?

.....

.....

(2)

8. Bhala kwakhona ezi zivakalisi zibe kwisininzi.

8.1 Umfundisi ntsapho uyamfundisa umfundi.

(1)

8.2 Isitya sakhe sophukile

(1)

9. Funda uqwalasele lenkqubo yeendaba kamabonakude uphendule imibuzo engezantsi.

Mvulo	Ngentsimbi yesixhenxe kusasa.	Iindaba
Lwesibini	Ngecala emva kwentsimbi yokuqala emini	Ezemidlalo kuzwelonke
Lwesithathu	Ngentsimbi yesibhozo ebusuku	Indaba nebali
Lwesihlanu	Ngentsimbi yesithandathu malanga	Umdlalo weqonga

Imibuzo:

- 9.1 Zidlala ngezphi iintsuku iindaba?

(1)

- 9.2 Ezemidlalo kuzwe lonke zingaliphi ixesha ngoLwesibini?

(1)

10. Jonga ufunde esi sibhengezo sentengiso, uphendule imibuzo ukuqala ku -10.1 ukuya ku -10.3.

IMINI YENTENGISO YEZIMUNCU MUNCU

"KOBÉ KUDLALA NOMCULO OMNANDI"

Phi: Kwivenkile yakwa Nothenga

Nini: NgoMgqibelo we 10 Disemba 2014

Ixesha: Yintsimbi yesithoba kusasa

Yiza uzokuzihluthisa! Uzonwabise wena nosapho.

Amaxabiso athotywe nge 50%



unyuso lwengxowa yabadlali besoka.

- 10.1 Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Le mini yentengiso yeyoku

A nyusa ingxowa yesikolo.

B kucela imali ebantwini.

C nyusa ingxowa yabadlali besoka.

(1)

10.2 Ngubani omenywayo sesi sibhengezo?

A Abafundi

B Wonke umntu

C Ootitshala bezikolo

D Ootata

(1)

10.3 Yintoni umsebenzi wesibhengezo?

(1)

.....

II. Bhala kwakhona ezi zivakalisi uqale ngegama olinikiweyo.

II.1 Ixesha elizayo

Abazali bathetha ngoqeqesho lwabantwana.

Ngomso

.....

(1)

.....

II.2 Ixesha elidlulileyo

Umfundisi ushumayela ilizwi elimnandi.

Izolo.

.....

(1)

.....

12. Sebenzisa eli gama lingezantsi ubonise intsingiselo ezimbini ezahlukeneyo zeli gama:

Ulwimi

12.1 (1)

12.2 (1)

13. Izibizo nezimelabizo

13.1 Biyela izibizo kwezi zivakalisi.

Xa sifunda iincwadi siyonwaba.

..... (1)

13.2 Fakela igama elishiyiweyo ubonise ulwazi lwezimelabizo.

UNomsa ukhwele ibhasi. _____ uThabo ukhwele imoto.

(1)

13.3 Fakela isihlanganisi esichanekileyo ukwenza isivakalisi esimbaxa.

13.3.1 Masingadlali ngomlilo _____ uyingozi.

13.3.2 Susani iincwadi _____ iipensile niziyeke. (2)

14. Bhala kwakhona ezi zivakalisi usebenzise iimpawu zokubhala.

14.1 kukho izilwanyana ezininzi kwifama kamalume

.....
.....
.....

(2)

14.2 zingaphi iigusha iinkomo ihagu namahashe

.....
.....
.....
.....

(2)

